

Inombolo yefayili: 2/9/4/3
Isalathiso: 20241028-7772

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0007/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli, kwiiNtloko zamacandelo namacandelwana (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili)

Isihloko: Ishedyuli yeentlanganiso ze-ITOPSCOM yango-2025

1. Ikomiti i-Western Cape Education Department, Information and Communications Technology (ICT) Operational Committee (ITOPSCOM) yikomiti eyongezelelweyo ye-ITSTEERCOM ehlangana qho ngenyanga, ngokwetheyibhile elapha ngezantsi, ukuthatha isigqibo ngezicelo zezixhobo ze-ICT eziqhelekileyo.
2. Abaphathi abajongene nestokhwe mabazalise ifom yesicelo i-ITOPSCOM form (isiHlomelo A) evunyiweyo xa kusenziwa isicelo seempahla neenkondo ze-ICT. Makungeniswe isicelo esizaliswe ngokupheleleyo, saza sasayinwa esiyintsusa (original application) kwi-Ofisi kaNobhala wekomiti i-ITOPSCOM, kwa-12th Floor, 1 North Wharf Square, Cape Town. Zonke izicelo mazifike kwi-ofisi kaNobhala ubuncinane kwiveki enye phambi kokuba iqhubeke intlanganiso. Sakuba singeniswe, umenzi-sicelo (applicant/requester), uya kufumana ikopi yesicelo esivunyiweyo ukwenzela ukuba siqwalaselwe ngokungaphezulu okanye i-imeyili ebachazelayo ukuba isicelo sikhatywe.
3. Ikomiti i-ITOPSCOM iya kwenza isigqibo ngokuphathelele kwii-ayithem eziqhelekileyo ze-ICT kuphela. Uluhlu oluqhelekileyo (isiHlomelo B) luhlaziywa ngokutsha yi-DotP:Ce-I rhoqo yaye ingcaciso ehlaziywe ngokutsha iya kufumaneka apha: <https://mygov.westerncape.gov.za/services/it-policies-documents-and-forms>. Zonke izicelo ezingezizo eziqhelekileyo ziya kuthunyelwa neengcebiso ezimalunga nazo kwikomiti i-ITSTEERCOM.
4. Isicelo sezixhobo ze-ICT eziza kutshintshwa masihanjiswe nengxelo eyi-technical report ecacisa isizathu sesicelo sokutshintshwa kwesixhobo eso. Kwiimeko apho izixhobo ze-ICT zithengelwa abaqeshwa abatsha, makunikwe izizathu ezixela ukuba ngaba kukho izixhobo ze-ICT ebezinkwe nabani na okwisikhundla esithile phambi kokuqeshwa kwakhe yena nokuba kuya kwenzeka ntoni na kwezo zixhobo ze-ICT.

5. Kucelwa niqinisekise ukuba ifom yesicelo i-ITOPSCOM iya kuchaza ukuba ngaba izixhobo ze-ICT ziya kuphinda zabelwe omnye umntu okanye ziya kuchithwa na, yaye ngokwemeko leyo, malaziswe iCandelo loLawulo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo ukwenzela ukuba lenze utshintsho kwingcaciso ekwirejista yee-asethi.
6. Ishedyuli yeentlanganiso ze-ITOPSCOM zekhalenda yonyaka ka-2025 nemihla yokungeniswa kwezicelo imi ngolu hlobo lulandelayo:

UMHLA WENTLANGANISO	IXESHA	UMHLA WOKUVALA WOKUNGENISWA KWEZICELO
29 Januwari 2025	09:00 – 12:00	22 Januwari 2025
26 Februwari 2025	09:00 – 12:00	19 Februwari 2025
26 Matshi 2025	09:00 – 12:00	19 Matshi 2025
30 Apreli 2025	09:00 – 12:00	23 Apreli 2025
28 Meyi 2025	09:00 – 12:00	21 Meyi 2025
25 Juni 2025	09:00 – 12:00	18 Juni 2025
30 Julayi 2025	09:00 – 12:00	23 Julayi 2025
27 Agasti 2025	09:00 – 12:00	20 Agasti 2025
30 Septemba 2025	09:00 – 12:00	23 Septemba 2025
29 Oktobha 2025	09:00 – 12:00	22 Oktobha 2025
26 Novemba 2025	09:00 – 12:00	19 Novemba 2025

7. Yonke imibuzo engeshedyuli yeentlanganiso ze-ITOPSCOM ingathunyelwa nge-imeyili apha: Thabani.Nobokwana@westerncape.gov.za okanye kumlawuli oncedisayo wezoQuquzelelo lwe-ICT (kwiCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso) ku-021 828 3070.
8. Kucelwa nazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO

UMHLA: 2024-11-07